URhulumente weNtshona Koloni

NGOWAKHO

# ISAZISO ESIBALULEKILEYO

## ISIMEMO SOKUFUMANA IZIMVO ZOLUNTU: UQULUNQO OLUHLAZIYIWEYO LWE-*ESTUARINE MANAGEMENT PLAN* YASE*BREEDE RIVER*

### ISEBE LEMICIMBI YOKUSINGQONGILEYO NOCWANGCISO LOPHUHLISO UMTHETHO I*NATIONAL ENVIRONMENTAL MANAGEMENT: INTEGRATED COASTAL MANAGEMENT ACT, 2008* (UMTHETHO 24 KA-2008)

ISebe leMicimbi yokuSingqongileyo noCwangciso loPhuhliso eNtshona Koloni (i-DEA&DP), ngokwecandelo 8 nele10 le*National Estuarine Management Protocol* yeSizwe epapashwe phantsi kweSaziso sikaRhulumente 533 kwi*Gazethi kaRhulumente* 44724 yomhla we18 kweyeSilimela 2021 (i-NEMP ka2021), efundwa necandelo 53(1)*(b)* lomthetho i*National Environmental Management: Integrated Coastal Management Act, 2008* (uMthetho 24 ka-2008) (uMthetho), limema amalungu oluntu ukuba angenise izimvo ezibhaliweyo kuqulunqo oluhlaziyiweyo malunga noCwangciso loLawulo lweChweba loMlambo iBreede (i*Breede River EMP*).

UQulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* lupapashwe ukuze kwenziwe izimvo phantsi kweSaziso sePhondo 40/2024 kwi*Gazethi yePhondo* 8912 yomhla wama26 kwekaTshazimpuzi 2024. Izimvo ezifunyenwe eluntwini ziye zaqwalaselwa, kwaye uqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* lwalungiswa ngokubhekiselele kwisicwangciso socandomida esicetywayo.

Isicwangciso socandomida sikhokela ukusetyenziswa ngokuzinzileyo kwechweba lweBreede River ngaphandle kokuthotywa kwezinga lendalo yelichweba. Ikwenza oku ngokucandwa kwemida yejografi, iingingqi zolondolozo, isinciphisi socandomida neendawo ezisetyenziselwa ukuzonwabisa. Iindawo ezisetyenziselwa imisebenzi yokuzonwabisa ziye zalungiswa ngokusekwe kwizimvo ezifunyenweyo ngexesha lokuqala lokunik' izimvo nangeendibano nabachaphazelekayo.

Ixesha lokunik' izimvo elongezelelweyo linikiwe ukuvumela elinye ithuba kuluntu ukuba lungenise izimvo kuqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP*. Oku kuya kuqwalaselwa, ukongeza kwizimvo ezifunyenwe ngexesha lokuqala lokunik' izimvo, kwaye uqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* luza kuqukunjelwa luze lungeniswe kuMphathiswa wePhondo onoxanduva lwemicimbi yendalo esingqongileyo ukuze akwamkele oku ngokuthobela icandelo 9.1(1)*(a)* leNEMP ka2021.

I-DEA&DP iqinisekise ukuba uqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* kunye nenkqubo ethe yaphononongwa ngayo zihambelana neNEMP ka2021 nenkqubo yolawulo lonxweme kazwelonke, inkqubo yolawulo lonxweme yephondo nesetyenziswayo kamasipala, njengoko kukhankanyiweyo licandelo 34(1)*(b)*(i) no(ii) loMthetho. Uqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* luye lwahlolwa kwakhona ngokuhambelana nezona mfuno zisezantsi ezixelwe kwincandelo lesi6 leNEMP ka2021.

Uqulunqo oluhlaziyiweyo lwe*Breede River EMP* lungajongwa ku-https://www.westerncape.gov.za/deadp/article/invitation-public-comment-draft-revised-breede-river-estuarine-management-plan. Kungenjalo, iinkcukacha zisenokufunyanwa ngekhompyutha ngokuimeyilela kuDEADP.EMPComments@westerncape.gov.za. Imibuzo ingabhekiswa kuNsk. Caren George ku021 483 2724/3092 okanye kuNksk. Carmen van Uys ku021 483 2811 evekini phakathi kwentsimbi ye09:00 neye12:00.

Izimvo ezibhaliweyo kuqulunqo oluhlaziyiweyo lweBreede River EMP zingangeniswa ngomhla okanye phambi komhla we4 kuTshazimpuzi ka2025 ngokuthi—

(a) kuthunyelwe ngeposi izimvo kwiSebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso Ingqale kuNks. Caren George, Directorate: Biodiversity and Coastal Management, Private Bag X9086, Cape Town 8000;

(b) kuthunyelwe izimvo ngeimeyili ku-DEADP.EMPComments@westerncape.gov.za; okanye

(c) kusiwe ngesandla izimvo kwiSebe Sebe leMicimbi yokusiNgqongileyo noCwangciso loPhuhliso Ingqale kuNks. Caren George, kuMgangatho wesi4, kwisakhiwo iLeeusig Building, kwanombolo 1 kwiSitalato iDorp, EKapa.

Izimvo ezifunyenwe emva komhla wokuvala zisenokungahoywa.